



UMbutho Wezilwanyana WaseMzantsi Afrika  
(South African Veterinary Association)  
Iikliniki Zoluntu Zezilwanyana

Ixhaswe ngabakwa



## South African Veterinary Association

Iikliniki Zoluntu Zezilwanyana

## Umhlobo Wakho Osenyongweni Okoko Umele Ukwazi



Erna Klopper

# Umhlobo Wakho Osenyongweni

## Okokumele Ukwazi

**Compiled by**  
Erna Klopper

**Enzela**



**UMbutho Wezilwanyana WaseMzantsi Afrika**  
**(South African Veterinary Association)**  
**likliniki Zoluntu Zezilwanyana**

**Design and layout**  
Intoart - Annette Genis

**ISBN**  
978-0-620-47332-3

**Ixhaswe ngabakwa**

---

## Iikliniki Zoluntu Zezilwanyana Ze-SAVA

**“Indlela uhlanga  
olunesimilo ngalo  
ibonakala kwindlela  
oluphatha ngayo  
izilwanyana zalo.”**

NguMahatma Ghandi



### I-SAVA

Umbutho Wezilwanyana WaseMzantsi Afrika (South African Veterinary Association) ngokuyintloko uziquzela iingenelo nemisebenzi yokugcisa ephathelele izilwanyana.

### IIKLINIKI ZOLUNTU ZEZILWANYANA ZE-SAVA

Oogqirha babucala bamisela iKliniki Zoluntu Zezilwanyana Zokuqala ZeSAVA ngoJulayi 1998 eBhayi, ngelinge lokunceda imimandla eyayifudula ivinjwe amalungelo ngeenkonzo ezisisiseko zokunyanga izilwanyana. Ngo-Aprili 2002 i-SAVA yathabathela kuyo ulawulo lweli linge kwaye kwahlatywi'ikhwelelo elifanayo kuzwe-lonke, iquka onke amalungu ka-SAVA.

Izilwanyana zasekhaya nezilwanyana zokulima zilinyazwa kakhulu kukungahoywa, ukulawulwa indlela ezizala ngayo nasekwasulelweni zizifo ezikhuselekayo. EMzantsi Afrika kuphela kukho izinja ezizigidi ezithandathu, ezingama-85% kuzo azizifumani iinkonzo zogqirha bezilwanyana. Yinto eyaziwayo ukuba kukho ukunxibelelana phakathi kokuphatha kakubi izilwanyana nobundlobongela kuluntu. Ukufumana iinkonzo ezisisiseko zoogqirha bezilwanyana nokufundisa ubuntu ebantwaneni kweza abantu babe novelwano ngabanye, kunyanzelisa ukuxabisa ubomi, kwenza abantu bakhathalelane babe novelwano ngezinye izidalwa. Le yeyona nto ibalulekileyo ekwakheni isizwe.

Eyona nto ibethelelwa yiKliniki Yoluntu Yezilwana yeSAVA kukulungiselela ukuvalwa kokuzala nasekugonyeni izilwanyana yimibutho emela ukuphathwa kakuhle kwezilwanyana nakwiindawo apho zingekho iinkonzo zoogqirha bezilwanyana.

Zili-12 iiCVC ezikhoyo elizweni jikelele. Kukho imfuneko enkulu kwiindawo zamatyotyombe nasezilokishini elizweni.

### Iikliniki Zoluntu Zezilwanyana Ze-SAVA nazi:

- |                  |                         |                   |                       |
|------------------|-------------------------|-------------------|-----------------------|
| • CVC Algoa Park | EBhayi                  | • CVC Tshwane     | EWinterveld (ePitoli) |
| • CVC Kleinmond  | ENTshona Koloni         | • CVC Helderberg  | ESomerset West        |
| • CVC Kloof      | KwiTheku Elikhulu       | • CVC Amanzimtoti | E-Amanzimtoti         |
| • CVC Dullstroom | Kwilokishi YaseSakhelwe | • CVC Struisbaai  | EStruisbaai           |
| • CVC Polokwane  | KwiPhondo LaseLimpopo   | • CVC Umalusi     | Emaphandleni ase-KZN  |
| • CVC Wolmer     | EWolmer (ePitoli)       | • CVC Mashishing  | E-Lydenburg           |

Oogqirha bezilwanyana banikela ngexesha labo ukuze basebenzise ubuchule babo nezixhobo zabo ukuzisa iinkonzo zoogqirha bezilwanyana kwiindawo ezazifudula zihlelelekile.

Icandelo le-SAVA eliyi-CVC lifuna ukukhula ukuze kubekho oogqirha bezilwanyana kwiindawo ekubonakala befuneka kuzo kwiindawo ekuhlala kuzo abantu.

I-CVC ekhoyo iyakhula, inceda abantu abangakumbi rhoqo ngenyanga.

Nakuba ubukhulu becala oogqirha babucala belahlekelwa yingeniso yabo, kukho iindleko zokumisela amaziko kwiindawo abantu abahlala kuzo nasekuzigcineni zisebenza.

Iindleko zothutho namayeza zixhomekeke kwinkxaso yokuzithandela evela kuwonke-wonke nabezoshishino.

Le minikelo nenkxaso incedisa oogqirha baseMzantsi Afrika ukuze benze iinkqubo zokuphuhlisa uluntu nempumelelo ekuziseni iinguqu kwintlalo yaseMzantsi Afrika.

### Unokuqhagamshelana ne-SAVA CVC Umnxulumanisi kule dilesi:

e-mail: [cvc@sava.co.za](mailto:cvc@sava.co.za)

Umnxeba 012 346 1150.

[www.sava.co.za](http://www.sava.co.za)

The SAVA-CVC is a registered non-profit organisation.

Fundraising no. 000234NPO

## Imibulelo

I- SAVA CVC ingathanda ukubulela abantu balandelayo ngegalelo labo elingathethekiyo:

Gqr. Colin Cameron	CEO SAVA
Njing. Cheryl McCrindle	UP
Gqr. Claude Sabeta	ARC-OVI
Mnu. Gert Venter	ARC-OVI
Nks Heloise Heyne	ARC-OVI
Mks Lynne Michael	Bayer (Pty) Ltd
Gqr. Neels du Plessis	UP
Gqr Lesley Lunn	SPCA
Njing. Johannes Odendaal	Tshwane University of Technology



## Okuqulethweyo

<b>Indela Yokuphatha Nokunyamekela Isilwanyana Sakho</b>	<b>2-12</b>
Ukunyamekela izilwanyana zasekhaya .....	2
Ukondla izilwanyana .....	5
Ukulungisa izinja neekati .....	7
Ukuqhelisa imibudlwana ngabantu .....	9
Ukhuselwa ekulunyweni yinja .....	11
<b>Ukusikhusela Kwizifo Nezinye Iimeko</b>	<b>13-22</b>
I-Distemper .....	13
I-Parvovirus .....	15
Umdlaza kwizinja neekati .....	17
I-Rabies .....	19
I-Abscesses .....	21
<b>Ukugonywa</b>	<b>22-24</b>
Ukugonywa .....	22
Umdluko phakathi kokugonywa nokunyagwa .....	23
Basic vaccination programme .....	24
<b>Ukuphelisa Iintshulube</b>	<b>25-26</b>
Iintshulube ezikatini nasezinjeni .....	25
<b>Ukuphelisa Amakhalane</b>	<b>27-31</b>
Amakhalane .....	27
Il-Mites .....	29
Iintakumba .....	31
<b>Ukuvala Inzala</b>	<b>33-34</b>
Ukususwa nokuvalwa inzala .....	33



## UKUNYAMEKELA IZILWANYANA ZASEKHAYA

**Inja okanye ikati eyonwabileyo unokuba nolwalamano kunye nayo ize ibe novuyo oluya kuhlala ubomi besilwanyana.**

Ukuba nenja okanye ikati yimbopheleleko amele azibophelele kuyo umnini ngaphambi kokuba athenge okanye azifumanele isilwanyana sasekhaya.

### **Ngaphambi kokuba uze nenja okanye ikati ekhaya.**

- Kuza kufuneka ukutya, amanzi nesitya sokutya, intambo, ibrashi, ibhanti lomqala nezinto zokudlala.

### **Indlwana**

- Kuza kufuneka isilwanyana sibe nendawo efudumeleyo nethe cwaka yokuphumla kungabikho thuli emgangathweni. Yenza indawo yokulala ngamaplanga ufake ingubo ecocekileyo okanye umqamelo phakathi ebhokisini. Qiniseka indawo yokulala yesilwanyana ihlanjwa ngokuthe rhoqo.

### **Isazisi**

- Bophelela emqaleni intsimbi ebonisa iadresi yakho okanye ufumane i-microchip efakwe kakuhle. Cela uncedo kugqirha wezilwanyana.



### **Impatho**

#### **Izinja:**

Izinja ezincinane kulula ukuzinyam ekela. Izinja ezinkulu ezifana neGerman Shepherd, kudla ngokubanzima ukuziphakamisa. Ukuba ufuna ukuphakamisa ubudlwana okanye injana, faka esinye isandla ngaphantsi kwesifuba senja, mhlawumbi ingalo yakho okanye esinye isandla sixhase amanqina engasemva. Ungaze uphakamiseinja yakho okanye umbudlwana ngamanqina angapham

bili, ngomsila emqolo okanye ngentamo. Ukuba kufuneka uphakamiseinja enkulu, yiphakamise ngokusuka ezantsi, uxhasa isifuba ngenye igalo uxhase nomva ngenye igalo.

### Iikati:

Ikati ezininzi azithandi ukuphakanyiswa nokudlala imidlalo. Into onokuyenza kukuba uyikeke ikati itsibele phezu kwakho ugqibe uyiphe isipho. Imidlalo, dlala ngezinto ezijingayo okanye ibhola. Ukuba ikati yenu ayikuthandi ukuphakanyiswa inokukuluma okanye ikrwempe kuba ifuna ukuzikhulula – kuhle ukusebenzisana nekati kunokuba uyilawule. Yenza amantshontsho ekati aqhele ukuphathwa kwiinyanga ezimbini zizelwe. Ikati enomsindo inokulawulwa ngokubotshwa ngetawuli. Ngeliphandle, iikati ezineenwele ezinde zithobekile kwaye zivumela abantu bhetele kuneekati ezineenwele ezimfutshane,



### Ukondliwa

Ikati okanyeinja imele ibe nezitya ezimbini, esinye sesamanzi esinye sesokutya. Amanzi abandayo nacocekileyo afanele abekhona imini yonke.

### Izinja:

- Imibudlwana eneeveki ezi- 8 ukuya kwezi-12 kufuneka itya kane ngosuku. Imibudlwana eneenyanga ezi-3 ukuya kwezi-6 imele itye kathathu ngemini. Imibudlwana eneenyanga ezi-6 ukuya kwezili-12 kufuneka itye kabini ngemini. Ukubainja yakho inonyaka, ukutya kube kanye kufanele ukuba kwanele, nakuba kwezinye izinja kukuhle ukuba ziqhubeke zisitya kabini.
- Amanzi: Izinja neekati kufuneka zifumane amanzi ngalo lonke ixesha. Amanzi kufuneka atshintshwe suku ngalunye abande, kwaye acoceke

### Iikati:

Iikati kufuneka zifumane ukutya nanini na phakathi kosuku. Kubhetele ukuzinika ukutya ekuseni kuyekwe ukutya kungatywa kamva ebudeni bemini. Uqiniseke ukuba iimbovane azikho ekutyeni kwesilwanyana sakho, kuba azisoze zikutye.

### Uqeqesho

- Fundisainja yakho izinto ezisisiseko – “hlala,” “yima,” “yiza,” “phantsi” kunye nokuthi “yiyeke”. Oku kuya kubuphucula ulwalamano lwakho nenja nabanye abantu. Sebenzi ukutya okuncinane ukuba uyiqhathe nokuba uyiwonge.
- Iikati kunzima ukuzifundisa; kodwa ke, unokuyiqhelisa ikati yakho ukuba yenze izinto ngokulandelelana, njengokutya nokudlala.

### Ukucoca

- Gcinainja yakho entanjeni xa ungaphandle, ngaphandle kokuba ukwindawo ebiyelweyo. Coca ukubainja yakho ingcolisile, njengoko oku kuya kunigcina nisempilweni.
- Iikati kufuneka zibe nebhokisi, (nayiphi na ibhokisi enesanti) nekufuneka icocwe suku ngalunye ukuze kungabikho vumba libi endlwini. Ukuba iikati zinako ukusebenzisa umhlaba ongaphandle akuyomfuneko ukuba nebhokisi enesanti.

### Ukusilungisa

- Unokuyigcinainja yakho icecekile ngokuyibrasha rhoqo. Khangela amakhalane xa imozulu ishushu. Izinja ezininzi akuyomfuneko ukuba zihlanjwe ngaphezu kwezihlandlo ezimbalwa ngonyaka. Ngaphambi kokuyihlamba, kama okanye usike uboya obudala. Ngononophelo yisuse ngokupheleleyo isepha okanye ukungcola kungenjalo ukungcola kuza kusala kwintsalela ekuboya.
- Akuyomfuneko ukuhlamba iikati ngokuthe rhoqo kodwa ukuyibrasha kuya kuyonwabisa.

### Umthambo

- Zonke izinja neekati kufuneka zenze umthambo suku ngalunye. Dlala nazo okanye uhambe nenja yakho isentanjeni.

**ZONKE IZINJA NEEKATI KUFUNEKA ZENZE UMTHAMBO SUKU NGALUNYE. DLALA NAZO OKANYE UHAMBE NENJA YAKHO ISENTANJENI.**



## UKONDLA IZILWANYANA

### Izinja zondliwa ngokuhambisana nobudala bazo.

#### Izinja

Kwiimeko ezihamba kakuhle, izinja zimele zondliwe ngokutya okulungeleleneyo, kucetyiswa ukuba ibe kukutya okuvunywe ngabakwa-Pet Food Industry.

Ngelishwa, uninzi lwethu alukwazi ukufikelela oku kutya sele kulungile ngoko sityisa izinja ngokutya okuphekwe ekhaya. Oku kuthetha ukuba ukutya okuninzi okutyiwa yinja ngumili-mili (ipapa) kodwa ayinazondlo zoneleyo zifunwa yinja.

Ukutya kwamathambo (okudla ngokubhekiselwa kuko ngokuba "luthuthu" kuphazanywa ke phofu) lufumaneka ngemali efikelekayo ezilarheni kwaye luya kongeza ikhalsiyam xa ludityaniswa nepapa. Ubisi, luyafumaneka kwaye luyafikeleleka, lunokongezwa, kodwa kuhle ukuba lungxengwe ukuze inja ingabi nesifo sorhudo.

Ukutya okuseleyo kunokunika izinja kukodwa okanye nepapa. Khumbula ukuba inja ayimele ityiswe amathambo enkukhu, enyama ebomvu okanye amanye amathombo amancinane. Enye into edla ngokusebenza kukwenza "ingxubevange". Ufaka konke ukutya okuseleyo, amaxolo emifuno, namaqweqwe amaqanda kwimbiza enamanzi uze uphekisise kakuhle. Umhluzi ophuma apho unokwenziwa nepapa okanye nesonka esiphelelwe lixsha – emva kokuba ususe onke amathombo amancinane.

Phaka nje intwana yoko ukuphekileyo – musa ukuyinika konke ngamin' inye – kodwa nika inja kancinane suku ngalunye. Izinja zondliwa ngokuhambisana nobudala bazo. Umbudlwana mcinane kwaye unesisu esincinane,



ngoko kufuneka wondliwe ka-3 ukuya kwizihlandlo ezi-5 ngosuku, kancinane sihlandlo ngasinye. Inja esele ikhulile inokondliwa kanye ngosuku, kodwa inja enkulu efana ne-Great Danes kufuneka zondliwe ngendlela efanayo kodwa kabini ngosuku.

Njengokuba izinja zikhula, iza kuphinda ifune ukutya kancinane izihlandlo ezibini ukuya kwezithathu ngosuku njengokuba ingasakwazi ukwetyisa ukutya kwayo ngendlela eyayikade esenza ngayo. Kungenzeka sele iwelwe ngamazinyo kwaye kufuneka itye ukutya okuthambileyo.

Kubhetele ukuba imazi ivalwe ukuzala – ngale ndlela akusoze ube namantshontsho ongakwaziyo ukuwondla. Ukuba iye yamitha, kungafuneka uyityise kabini ukuya kwisithathu ebudeni belo xesha nangexesha isondla amantshontsho ayo. Imibudlwana iya kuqala ukutya ukutya kwiiveki yesithathu okanye eyesine.

#### Nceda ukhumbule:

- Inja imele ibe namanzi acocekileyo kwisitya esicocekileyo.
- Inja kufuneka ibe nesitya sayo esicocekileyo nesingatyeli bantu.
- Izinja zimele zityiswe ngendlela yokuba zingalwi nezinye, okanye zihlaselwe zezinye izinja, kungenjalo inja eyomeleleyo iya kutya konke ukutya ezinye zihlale zilambile.
- Ukuba inja yakho ayikagonywa, wondla iintshulube kungekhona inja yakho. Nceda ubuze ugqirha wezinja.

**Khumbula ungaze unike inja amathombo enkukhu, enyama ebomvu nawentlanzi okanye amathombo amancinane.**

#### Iikati

Izinto ezininzi ezithethiweyo ngezinja ziyafana nakwiikati ngaphandle kwezi zilandelayo:

- Ikati kufuneka zibe nenyama ekutyeni kwazo – zisenokufa ukuba aziyifumani. Ukuba ikati yakho iyakwazi ukuzingela ibambe iintuku neempuku, akubalulekanga kangako ukuba uyinike inyama, kodwa ukuba ayikwazi ukuzingela, ubuncinane isiqingatha sokutya simele sibe nenyama okanye intlanzi.
- Iikati ezinkulu zinezisu ezincinane kufuneka zondliwe kancinane ebudeni bosuku.
- Ikati ziyacekisa kunezinja kwaye azifane zikutye ukutya okudala.
- Ikati imele ikhuselwe ezinjani xa isitya. Kuhle ukubeka isitya sokutya ngasefestileni okanye kwindawo apho izinja zingenakufikelela khona.



## UKULUNGISA IZINJA NEEKATI

**Zonke izinja neekati zimele zilungiswe ngokuthe rhoqo ukuze zigcine uboya obuhle zize zikhangeleke zize zizive zintle.**

Ukuzilungisa kuthetha ukuzibrasha, ukuzihlamba, nokucoca iindlebe namazinyo.

### Ukuhlanjwa:

- Umbudlwana mawuqhele ukuhlanjwa ngoxa kulula ukuwubamba. Mawuhlanjwe izihlandlo ezi-3 ukusa kwezi-4 phakathi kobudala beenyanga ezi-2 ukusa kwezi-5.
- Ungaze usebenzise isepha yeempahla okanye imveliso ebukhali.
- Qiniseka ukuba akungeni manzi ezindlebeni, emehlweni okanye kwenye indawo entloko.
- Yosule ngetawuli emva nje kokuyihlambainja.

### Ikati akuyomfuneko ukuzihlamba.

### Iinzipho:

Ukuba ucinga iinzipho zenja yakho zinde, cela ugqirha wezilwanyana akuqumlele zona. Oku kuqhelekile kwizinja ezincinane nezindala.

Iikati zimele zilungiselelwe "ipali yoku-zonwaya" kwaye ungazikhathazi ngeenzipho zayo iza kuzijongela ngokwayo. Ikhuni elibotshelelwe ikhaphethi linokusebenza.

### Ukubrasha:

Zombini iikati nezinja ziyakuthanda ukubrasha rhoqo ngosuku. Oku kuya komeleza ubuhlobo benu kodwa kwangexesha elinye kuzuzise uboya bazo. Oku kuya kuqinisekisa ukuba awekho amakhalane neentakumba.



### Iindlebe:

Iindlebe zimele zicocwe ngelaphu elimanzi. Ungaze usebenzise enye into ezindlebe. Susa iintakumba nge-Surgical spirits okanye i-Methylated spirits.

### Amazinyo:

Amazinyo abrashwa ngamanzi kuphela aya kuqinisekisa ukuba abukho ubumdaka emazinyweni.

**LONKE ELI XESHA LIYA KUTHETHA UKUBA NICHITHA IXESHA NESILWANYANA SAKHO.**





## UKUQHELISA IMIBUDLWANA NGABANTU

### Ukuze imibudlwana ikhule kakuhle ngeemvakalelo, kufuneka iqhelane nazo zonke iimeko

Ukuze umbudlwana ukhule kakuhle ngokweemvakalelo, kufuneka uqhelane nazo zonke iimeko. Kufuneka udibane nabantu beendidi ezahlukeneyo: amadoda, abafazi, abantwana, iinkonde, abantu abanxiba iindondo, ukuba abantu baninzi kokona kubhetele. Kuza kufuneka udibane neengxolo ezahlukeneyo zasekhaya nasezitatweni: ngaphezu koko, kuza kufuneka uqhelane nezinja nezinye izilwanyana zasekhaya ezifana neekati neenkukhu.

Umbudlwana ongaqhelananga nabantu unokuba nengxaki kamva. Xa ukwindawo ongayaziyo unokoyika kuze kuvele ithuku lokuzikhusela. Oku kunokukhokela ekubeni nemisindo ize ilume abantu okanye ezinye izilwanyana.

### Indlela yokuqeqesha umbudlwana.

- Qalisa xa uneveki ezi-6 ukuya kwezi-7. Oku kuya kwenza umbudlwana wonwabe xa ulunyulwe kunina.
- Qhelisa umbudlwana wakho kwimeko enye entsha ngeveki, kodwa qiniseka ukuba umbudlwana awukho ngozini kwaye uhlale nawo ngalo lonke ixesha.
- Ukuba umbudlwana ubonisa uloyiko, hlala apho ukhoyo de ukhululeke wakugqiba uwuncome.
- **liveki ezi-8:** Hamba nombudlwana wakho uye nawo kwingca ende. Wukhuthaze ukuba utsibe izinto ezincinane uze uwuncome.
- **liveki ezi-9:** Hamba nawo kwakhona, kodwa ngoku phakathi kwamahlathi. Ingca ifanele ibe nde ngakumbi nemiqobo eyitsibayo ibe mide. Naxa usiya kumlanjana omncinane naxa uhamba kumahlathi ashinyeneyo. Ungalibali ukuwukhuthaza uze uwuncome ngalo lonke ixesha.
- **liveki ezili-10:** Phinda uhambe nawo kodwa ngoku kwindlela ekunzima ukuhamba kuyo. Ngamanye amaxesha uzifihle, xa ukufuna mkhuthaze. Ukuba intshontsho alikukhangeli, phosa into uze ulibize kwindawo okuyo. Oku kuya kufundisa intshontsho ukuba akufune aze akukhathalele.
- **liveki-11:** Qubha nentshontsho. Libambe uze ungene emanzini, lityhale ngobunono uze ube nomnye ecaleni okhuthaza ukuba liwele. Ungaliphosi emanzini. Xa liphuma emanzini losule nize nigoduke. Ungalivumeli ukuba ligodole.
- **liveki ezili-12:** Yiyani efama; vumela umbudlwana ukuba ubone iinkomo, amahashe nantoni na enye oyibonayo. Ungalivumeli ukuba likhululeke entanjeni ukuze ukhuseleke kwezinye izilwanyana uze umvumele ukuba usondele unukise.

- **liveki ezili-13:** Bophelela ngentambo umbudlwana niye edolophini. Hambani kwisitrato esiphakathi. Ufanele ubone iimoto neelori, abantu behamba neebhayisekile. Kufuneka oku kube yimizuzu elishumi. Khumbula ukukhuthaza nokuncoma ukuziphatha kakuhle kwawo.
- **liveki ezili-14:** Hamba nentshontsho uye kwiindawo enabantwana abaninzi. Isikolo samabanga aphantsi apho abantwana bevumelekile ukuba balinde nokuba baliphathe.

- **liveki elizi-15:** Yiyani kuhambo lwasedolophini.
- **liveki ezili-16:** Ngeli xesha, uza kuba ufundise umbudlwana wakho into ebalulekileyo, ukuba uza kuhlala nalo ubomi balo bonke ukuze uqhubeke uphila. Khumbula ukulugcina lukhuselekile.
- **liveki elizi-17 ukuya kwezingama-21:** Eli lixesha elibi ukuba umbudlwana ube kuxinezeleko, uhambo okanye nayiphi na imeko esemgqibekweni. Ngeli xesha, ubonisa uloyiko. Lixesha lenzolo kuwo.



**QINISEKA UKUBA UCHITHA IXESHA NOMBUDLWANA WAKHO SUKU NGALUNYE!**



## UKHUSELWA EKULUNYWENI YINJA

**Nanga amacebiso ukuze oonomgqushwana nabantu abadala banciphise ukuba sesichengeni sokulunywa yinja.**

- Ungaze uye kwinja ongayaziyo
- Ukuba kuza inja ongayaziyo, yima nkqo
- Ungaze uyibaleke inja okanye ukhale ecaleni kwenja
- Ukuba inja iza kukuhlasela, zama ukubeka into phakathi kwakho nayo, into efana nebhayisekile okanye ubhaka wesikolo
- Ukuba inja iyakuwisa, ziqengqe uze ugqume ubuso bakho ulale nkqo
- Ungaze ujonge inja ngqo emehlweni
- Ungayiphazamisi inja xa ilele, isitya okanye inamatshontsho
- Ungaze udlale nenja ukuba ayikhange ikunukise kuqala
- Abantu abadala abamele bashiye abantwana okanye iintsana nesilwanyana sasekhaya nokuba sesiphi.

### Abanini bezinja bamele:

- Yiqhelise inja yakho ukuba idlale nezinye izinja yaye iqhele ukuba kunye nabanye abantu isencinane
- Musa ukubeka inja yakho kwindawo eyenza izive ingakhuselekanga
- Ungaze uvumele inja yakho ihamba hambe ngokukhululekileyo
- Musa ukudlala imidlalo eyingozi endlongondlongo nenja yakho
- Yivale inzalo inja yakho
- Yivalele kwiyadi inja yakho ukuba ayikho ndlwini.
- Musa ukubophelela kwityathanga inja yakho kuba oko kwenza ibe noburhalarhume
- Funa uncedo ukuba inja yakho iyagula okanye yonzakele, ukwenzakala nokugula kwenza inja ilume
- Qeqesha inja yakho ukuba ithobele imiyalelo elula efana nokuhlala, ukuza nokuhamba



## Ukuba ulunywe yinja:

- Funa uncedo lukagqirha
- Lawula ukopha uhlambe indawo elunyiweyo ngesepha namanzi
- Xela ukulunywa kwakho kwikliniki okanye emapoliseni
- Chazela amapolisa ngengxelo echanileyo ngenja, imeko yokulunywa nomnikazi wenja ukuba uyaziwa

**UNGAYIPHAZAMISI INJA XA ILELE, ISITYA  
OKANYE INAMATSHONTSHO**



## I-DISTEMPER

**I-Distemper iyosulela kwaye isisifo esibulalayo, nechaphazela ukuphefumla, amathumbu nomnqonqo.**

### Yintoni ebangelwa yidistemper?

Intsholongwane ye-Distemper kwizilwanyana ibangela esi sifo. Yintsholongwane efaneyemasisi abantu abadla ngokuba nayo okanye i-Rinderpest ezinkomeni.

### Inja yam inokuba nayo njani i-distemper?

Inja yakho inokuba ne-Distemper ngaphandle kokuba kufutshane nenja egulayo. Le ntsholongwane inwenwa ngendlela efanayo nomkhuhlane ebantwini. Inja yakho AYINAKO ukwasulelwa yi-distemper ngokutya ekutyayo, ngenaliti okanye iipilisi zeentshulube ozifumana kugqirha wezilwanyana.

### Ndingazi njani ukuba inja yam ine-distemper?

Emva kokwasulelwa yile ntsholongwane inja ingaba nomkhuhlane emva kweentsuku ezi-3 ukuya kwezi-6. Inja isenokubonakala ibhetele kodwa emva kweentsuku ezimbalwa iza kubonakala inefiva nemiqondiso yengqele. Iza kuba nemifinya kuhle neenyembezi, ibe ngathi iyozela iphelelwe ngumdlala ekutyeni njengokuba le iyimiqondiso yokuqala. Ukugabha, urhudo nokukhohlela kunokubela emva kwemiqondiso yokuqala. Kamva inja iza kuqalisa ukuba nezifo zomnqonqo ezifana nokuxhuzula, ukuqina kwezihlunu ngakumbi ebusweni nasentloko ingalungelelani kwaye isoloko ityhafile.

I-Kennel Cough nomkhuhlane weekati zinemiqondiso efanayo.

### Ndithini xa inja yam ine-distemper?

Ukuba ucingela inja yakho ine-distemper, yibekela kude kunezinye izinja uze uyise kugqirha wezilwanyana ngokukhawuleza.

### Ngaba i-distemper inokunyangwa?

Alukabikho unyango olwaziwayo lwe-distemper. Izithintela-ntsholongwane zinokuthomalalisa imiqondiso yesifo, kodwa ayisoze inyangethe inja yakho. Ama- 50% ezinja ezine-distemper ziyafa. Ezinye ezingama- 50% ziba nezifo zomnqonqo, ngamanye amaxesha enye iyasinda ukuba inyangwe kakuhle ngugqirha wezilwanyana.

Inja inokufa emva kweeveki ezimbini okanye iinyanga ezintathu emva kokwasulelwa.

## Ndinokuyikhusela njani inja yam ekubeni ne-distemper?

Ekuphela kwendlela yokukhusela esi sifo sibi nesibulalayo kukuba inja yakho igonywe ngugqirha wezilwanyana. Imibudlwana nezinja ezindala zisesichengeni sokugula. Inja yakho inokugonywa ukususela xa ineeveki ezi-6 ubudala, iphinde igonywe emva kweenyanga emva koko ingaphindwa rhoqo ngonyaka.

**Ukuba ucingela inja yakho ine-distemper, yibekela kude kunezinye izinja uze uyise kugqirha wezilwanyana ngokukhawuleza.**





## I-PARVOVIRUS

**I-parvovirus yezinja iyingozi kwaye iqhelekile, ingunobangela wokufa kwamantshontsho amaninzi ezinja. Sisifo esitsha kwaye saqala ukubonwa ngowe-1978. Nakuba imiqondiso emininzi ikukugabha norhudo, inokonakalisa izihlunu zentliziyo kwezincinane nemibudlwana engekazalwa.**

### Inja inokwasulelwa njani yi-parvovirus?

Imibudlwana nezinja yosulelwa xa inukisa umva wenja enesifo. Njengokuba ibakho kumva, intsholongwane inokunwenwa ukusuka kwenye indawo ukuya kwenye kuboya namanqina ezinja, okanye ekuseleni kwizitya. Nkqu nezihlangu neempahla zabantu zinokunwenwisa intsholongwane.

### Ziziphi izinja ezisesichengeni?

Zonke izinja zisesichengeni, kodwa imibudlwana engaphantsi kweenyanga ezine yeyona yasulelwa kakhulu kunzima kwaye kubiza imali eninzi ukuyinyanga.

### Yiyiphi imiqondiso?

Izinja zinokubonakala zidakumbile, zingatyi, zinomkhuhlane, zigabhe zibe norhudo olugqith' emgweni. Izinja ezininzi azibinayo imiqondiso ebonakalayo efana nokugabha incindi engathi ngamathe anogwebu kudla ngokuba ngumqondiso wokuqala. Ukuhambisa kwesisu (urhudo) lunokuelisa ilindle elimnyama okanye elinegazi, oku kunokuqhubeka nokugabha, nokwenzainja iphelelwe ngamanzi. Isifo siza kukhawuleza kwayeinja inokufa kwiintsuku ezimbini emva kokuba nesi sifo.

### Ibhaqeka njani i-parvo?

Ukuba nje uyarhanya ukubainja yakho ine-parvo, qhagamshelana nogqirha wakho wezilwanyana we-CVC. Ugqirha wakho wezilwanyana unokuyibona i-parvo, ngokuhlolwa ngokupheleleyo nokuvavanywa kwelindle okanye igazi.

### Ngaba iparvo inokuncedwa?

Alukho unyango lwentsholongwane xainja yasulelwe. Ugqirha wezilwanyana unokunyanga amaqalela esifo aze akunike amayeza anesodiyam nepotaziyam ngokuthe ngqo kwimithambo yenja.

### Zingaphi ezisindayo?

Ukuba unyango luqala ngokukhawuleza, ugqirha wamayeza unokuyisindisainja. Kodwa amathuba okusinda mancane kwizinja ezingagonywanga nemibudlwana.

### Ngaba iparvo inokukhuselwa?

I-parvovirus yezinja inokukhuselwa ngokugonywa okuchanileyo. Imibudlwana imele igonywe kwiiveki yesi8, ye-12 kunye neye-16 kanye rhoqo emva konyaka. Olu gonyo luyinxalenye yomdibaniselwano wokugonywa onikwa imibudlwana nezinja ezindala.

### Ngaba i-parvovirus inokuba yingozi kuwe nekati yakho?

Okwangoku abukho ubungqina bokuba i-parvovirus yosulela iikati nabantu.

**Zonke izinja zisesichengeni, kodwa imibudlwana engaphantsi kweenyanga ezine yeyona yasulelwa kakhulu kunzima kwaye kubiza imali eninzi ukuyinyanga.**





## UMHLAZA KWIZINJA NEEKATI

**Umhlaza ziiseli ezikhula ngendlela engalawulekiyo emzimbeni okanye phakathi emzimbeni. Umhlaza usenokuba ukhula kakuhle (benign) okanye awukhuli kakuhle (malignant). Umhlaza uqhelekile kwizilwanyana zasekhaya kwaye zizinja ezifumana umhlaza ngaphezu kweekati.**

### Ndingazi njani ukuba isilwanyana sasekhaya sinomhlaza?

**Ezi zezona mpawu ziqhelekileyo zomhlaza kwizilwanyana zasekhaya:**

Umhlaza usoloko ubonakala kwizinja neekati ezindala.

- Ukudumba okungaqhelekanga kuyo nayiphi na indawo okanye ukuqhubeka idumbile okanye ibhidla kodwa ingade iphole

**Ezi ziimpawu onokuzibona zomhlaza, kodwa unokuzibona nakwezinye izifo:**

- Ukuncipha komzimba
- Ukungatyi
- Ukopha okanye ukuphuma kwegazi kuyo nayiphi indawo evulekileyo emzimbeni
- Kunzima ukutya okanye ukuginya
- Ukuphelelwa ngamandla
- Ukusoloko iqhwalela okanye iqine
- Ukufumanisa kunzima ukuphefumla, ukuchama okanye ukuzithuma

Umhlaza ngokuqhelekileyo udla ngokubonakala xa kususwa ulusu oluncinane kwindawo eneeseli nokuba isandul'ukuqala okanye kudala ikho.



### Ngaba umhlaza unokukhuseleka?

Asaziwa isizathu semihlaza ethile ngoko ke kunzima ukuyikhusela. Ukuyiphawula kwangethuba nokuyinyanga kuyeyona ndlela ibhetele yokunceda umhlaza kwizilwanyana zasekhaya.

Ukuvalainja ezalayo ngaphambi kokuba iqalise (ibe kwixesha lokuzala) okokuqala kunokuyikhusela kumhlaza webele. Umhlaza wesinyi unokukhuseleka ngokuyithena inkunzi yenja kuselithuba (xa ineenyanga ezintandathu).

Umhlaza wolusu unokukhuselwa ngokukhusela izinja neekati ezimhlophe elangeni phakathi kwentsimbi yeshumi kusasa nentsimbi yesithathu emva kwemini okanye ngokusebenzisa izinto ezinokhusela kwilanga kwiindawo ezisesichengeni zolusu esuswini, empulweni nasezindlebeni suku ngalunye.

### Iintlobo zomhlaza kwizilwanyana zasekhaya

- **I-tumour yolusu** ----- iqhelekile kwizinja ezindala, umhlaza wolusu ubonakala kwiindawo ezimhlophe, apho kukhula uboya kancinane okanye bungakhuli.
- **Yebele** ----- isiqingatha somhlaza webele ezinjeni nangaphezu kwe-85% kwiikati awukakhuli ngokupheleleyo.
- **I-Lymphoma** ----- ukudumba okukhulu (malunga neqanda lenkukhu okanye ibhola yentenetya) enye okanye iqela le-lymph nodes ezikhula emzimbeni.
- **Yethambo** ----- Ubukhulu becala kwiizinja ezizala kakhulu
- **Umhlaza wesisu** ----- uqhelekile kwizinja neekati
- **Wesinyi** ----- uqhelekile kwizinja unqabile kwiikati
- **I-Feline leukemia** ----- iyasulela phakathi kweekati kwaye inokuvela ungumhlaza ngokweentlobo ezahlukeneyo

### Umhlaza unyangwa njani?

Ezinye iintlobo zomhlaza zinyangwa ngokusikwa. Olunye unyango lomhlaza lusenokubiza imali eninzi kwaye lufuna iindlela ezikhethekileyo. Hlobo ngalunye lomhlaza lufuna ukunyangwa ngendlela yawo. Buza ugqirha wakho wezilwanyana ngamacebiso asebenzisekayo.

### Ngaba umhlaba uyanyangeka?

Ezinye zinyangwa ngokusikwa. Ezincinane zinamathuba amaninzi okunyangwa. Oku kuxhomekeka ubukhulu kuhlobo lomhlaza.

Izinto ezininzi okanye iikati zinokuncedwa ukusa kumlinganiselo othile ngokunyangwa kakuhle.

**Ukufunyanwa nokunyangwa ngokukhawuleza zindlela ezibhetele zokunyangwa umhlaza wezilwanyana zasekhaya.**



## I-RABIES

**I-Rabies sisifo sezinja neekati kwaye sinokuvela xa ilumeinja eyasulelekileyo nesinye isilwanyana sasendle.**

Ukususela ngexesha lokulunywa, intsholongwane ikhawuleza ihambe ngeziva-mvo de ifikelele ematheni xa idibana namathe esilwanyana esasulelekileyo siyanwenwa. Intsholongwane ibangela ukufa xa ifikelela ebuchotsheni. **ABANTU BAFUMANA ESI SIFO NGENDLELA EFANAYO.**

### Imiqondiso yesi sifo kwizilwanyana

Zombini izinja neekati zigula kakhulu xa zihlaselwa ngaphandle kwemiqondiso elumkiso. Ukukhama kwenja, ukumkhulungwane, ukuluma iimpukane ezingekhoyo, ijikeleze yonke indawo, itya umhlaba nezinti, igabhe kwaye ayikwazi ukuginya. Zihamba nzima zingakwazi ukuhamba zide zife. Izilwanyana zasendle zitshintsha ukuziphatha, ziyanyaba zibonakale phakathi kwezindlu zabantu.

**Ukuba ucinga ukuba ulunywe yinja enesi sifo, nceda ufune unyango ngokukhawuleza okanye icebiso kwi-Rabies Hotline kule nombolo 0823526879.**


### Ndimele ndenze ntoni?

Musa ukuziphatha okanye usondele kwezo zinja neekati. Yiba kude nezilwanyana zasendle ezingakubalekileyo nezikhangeleka zigula. Ukuba isilwanyana sibonakala sigula, kwaye kucingelwa kwi-rabies yazisa amapolisa ngokukhawuleza ukuze baphade ukuba kunokwenzeka basibulale eso silwanyana beqinisekile ukuba sinerabies. Ukuba ucinga ukuba ulunywe yinja enesi sifo, nceda ufune unyango ngokukhawuleza okanye icebiso kwi-Rabies Hotline kule nombolo 0823526879.

### Ndiyikhusele njaniinja okanye ikati yam kwi-Rabies?

Kufuneka inja yakho kanye ikati igonywe ukuze ikhuseleke. Xa intshontsho lakho lineeveki ezili-12 kufuneka ligonyelwe i-Rabies. Ukugonywa kwesibini kuza kwenziwa kwiinyanga ezili-9 emva kokugonywa kokuqala. Emva koko imele inikwe unyaka.

**ALUKHO UNYANGO LWE-RABIES!**






## I-ABSCESSSES

### I-abscess yintsholongwane engaphantsi kolusu.

I-Abscesses yingxaki eqhelekileyo kwiikati. Ukulunywa nje yikati kunokudala iabscess. Esinye isizathu kukuba umkrwelo okanye ukulunywa yikati okuncinane kunodala umonakala ngaphantsi kolusu oluneentsholongwane ngemva kokuba inwebu yolusu ipholile.

### Ziziphi iimpawu ze-abscesses?

I-abscess yintsholongwane engaphantsi kolusu. Ekuzameni ukulwa nokwasulelwa, umzimba wenza isangqa kuloo ndawo, uyigalela iiseli ezimhlophe. Ezi seli zimhlophe ibhaktheriya neentsholongwane ezibangela ukwasulelwa zaziwa ngokuba zii-pus. Le ndawo iyadumba kwaye ibuhlungu. Xa ibhidla i-abscess iyavuleka, kunokuphuma negazi kwindawo enenxeba.



### Unyango

I-Abscesse inyangwa ngokuqhelekileyo ngokuvulwa inxeba kakuhle. I-abscesses encinane inokunyangwa ekhaya.

Vula iabscess, coca ngononophelo usebenzisa iyeza lokususa iintsholongwane kangangeentsuku ezimbalwa. Ukuba inxeba aliphili, nceda ubuze ugqirha wezilwanyana wakho oya kunyanga inxeba ngesithinteli zintsholongwane.

Kubhetele ukuba i-abscesse enkulu uyise kugqirha wezilwanyana. Ezinye ii-abscesses azisabeli kunyango lwezithinteli zezilwanyana nkqu nogqirha kungafuneka afune uncedo lwaselebhu ukuze kwaziwe ukuba yibhaktheriya enjani ebangela i-abscess, ukuze kufuneka isithintelo sentsholongwane eya kunceda inxeba.



## Ukugonywa

**Amayeza oku gonywa ziimveliso zempilo, eziveliswa kwilebhu encedisa isilwanyana sakho silwe neentsholongwane.**

### Oko umele ukwazi ngokugonywa?

Ukugonywa kukhusela isilwanyana sakho kwizifo eziyingozi ezifana ne-rabies, i-distemper, umkhuhlane wekati nezinye izifo. Ukugonywa akusayo kunyanga isilwanyana esigulayo kakade. Kuphela zizilwanyana eziphile qete ezimele zigonywe.

### Kuyintoni ukugonywa?

Kugonywa ngeemveliso zempilo, eziveliswa elebhu nezinceda ukulwa nezifo ezinokuvela kamva. Ugqirha wezilwanyana okanye unesi wazo unokukwenza oko.

### Ngaba zikhona iingozi?

Nakuba izilwanyana zisabela kakuhle ekugonyweni, ezinye zinokuba nomkhuhlane ezinye zingakuthandi ukutya. Ezi meko azimele zixhalabise kwaye zithatha ithuba elifutshane. Ukusilela ukugonywa kwezilwanyana kunokuzibeka esichengeni sezifo ezibulalayo nezinokukhuseleka.

### Ngaba amatshontsho anokugonywa?

Amantshontsho amancinane asesichengeni sokuba nezifo. Oku kuyinyaniso njengokuba kuphela ubisi oluvela kunina.

### Zimele zigonyelwe eziphi izifo?

Zinokugonyelwa izifo eziqhelekileyo zezinja neekati.

**IZINJA:** I-Distemper  
I-Kennel Cough  
I-Rabies  
I-Parvovirus

**IIKATI:** I-Snuffles  
I-Enteritis  
I-Feline Aids  
I-Cat leukemia  
I-Rabies



## UMAHLUKO PHAKATHI KOKUGONYWA NOKUNYAGWA

**Zombini ukunyanga nokugonywa zenziwa ngugqirha wezilwanyana ngokutofwa. Kubalulekile ukuwazi umahluko phakathi kokugonywa nokunyangwa.**

### Kuyintoni UKUGONYWA?

Ukugonywa kuthintela izilwanyana ukuba zingaguli.

Kuphela zizilwanyana eziphile qete ezimele zigonywe.

Xa zigonywa, kufakwa intwana yentsholongwane eyenza ityhafeinja okanye ikati. Inja ivelisa imajoni omzimba alwa neso sifo. Xa eso sifo sinokubela la majoni abulala iintsholongwane ngaphambi kokuba isilwanyana sigule.

Ukugonywa akusayi kunyanga isilwanyana esigulayo kakade.



### Yintoni UKUNYANGWA?

Ukunyangwa kunikwa kwizilwanyana ezigulayo. Izithinteli zintsholongwane, neepilisi xa ineentshulube. Ifakwa edipini xa iinentakuba, inamakhalane nebhula.


## Ucwangciso Lokugonywa

liveki ezi-6: Ugonyo lokuqala

liveki ezili-12: Ugonyo lwesibini

liveki ezili-16: Ugonyo lwesithathu

Emva koko kufuneka kugonywe ngonyaka. Ukugonyelwa i-rabies kufuneka kwenziwa emva kweenyanga ezili-9 emva kokugonywa kokuqala.









## IINTSHULUBE EZIKATINI NASEZINJENI

**lintshulube zichaphazela izinja neekati kwaye zibeka abantu esichengeni.**

### Izinja neekati ziba nazo njani iintshulube?

lintshulube zingaphakathi emzimbeni kwaye zifumaneka xa:

- zikhotha umhlaba okanye zisela amanzi aneentshulube
- zisitya amakhalane osulela iintshulube
- xa uzalwa umbudlwa unokuzifumana kunina
- ngobisi lonina xa amatshontsho encanca engekalumlwa
- ngokuzingela nokugqogqa izinto ezimdaka
- ukutya izinto ezibolileyo, ezosulelwe ziintsholongwane.



### Ndazi njani ukuba isilwanyana sam sineentshulube?

Izilwanyana ziyasulelana ngeentsholongwane, naxa kunjalo unakufane uzibone. Nazi iindlela zokubona ukuba isilwanyana sakho sosulelekile:

- Amachaphaza egazi
- Ukungathandi ukutya
- Ukuphelelwa ligazi (kwiintsini nasemehlweni)
- Urhudo
- Ukuncipha ngomzimba
- Ukungakhuli kakuhle
- Ukukhangeleka ingxunguphele
- Ukukhohlela
- Ukungaboni kakuhle okanye ngeliso elinye
- Ukuxhuzula

lintsholongwane zibonakala kwilindle layo kwaye libonakala kakuhle ngasemva. Ezi ntsholongwane zibonakala ngathi ziinkozo zerayisi.

### Ngaba iintshulube ziyingozi?

Ukusuleleka kakhulu kunokwenza ukuba isilwanyana sibe ne-enteritis eyenza ukuba irhude nenokuba nelindle elinegazi. Ezinye iintshulube zifunxa igazi okubangela ukulahlekelwa ligazi nokwenza isilwanyana sibe buhathaka side sife. Ezinye iintshulube zinokuvala amathumbo kwaye zikhokelele ekufeni kwesilwanyana. Enye ngozi yeentshulube kuxa zisasulelana ngokusuka ezinjani ukuya ezikatinasebantwini. Iintshulube ezininzi zinokubangela iingxaki ezempilo ezininzi nasebantwini.

### Ndinokuzikhusela njani kuzo mna?

- Hlamba izandla zakho emva kokuhlamba okanye ukudlala nesilwanyana.
- Ungavumeli izinja okanye iikati zilence ubuso bakho.
- Khusela imifuno yakho ngokuyibiyela ukuze izinja neekati zingayosuleli.
- Hlamba yonke imifuno yakho ngaphambi kokuba bayitya
- Ungaze usebenzise izinto zokutya nezilwanyana.
- Ungaze unike isilwanyana inyama ekrwada – qiniseka ukuba ivuthiwe
- Tshiza izinto ezibulala iintshulube kwindawo yezilwanyana nezosapho lwakho.

**Isilwanyana sakho singaze sitye inyama ekrwada. Kusenokwenzeka ineentshulube**

### Ndiyinyanga njaniinja okanye ikatiyam xa ineentshulube?

Inja neekati ifanele igonywelwe iintshulube xa ineenyanga ezi-3 ukuya kwezi-4 namantshontsho emva kweenyanga ezintathu. Oku kumele kwenziwe ngokunxulumene neKliniki Yoluntu Yezilwanyana okanye ugqirha wezilwanyana.

Kubalulekile ukuba usapho lugonywe kabini ngonyaka – thetha nogqirha wakho okanye usokhemesi wakho.






## AMAKHALANE

**Eyona ngxaki iphambili kulusu lwezinja neekati ngamakhalane. Amakhalane anokuvela nanini na enyakeni kwiindawo ezifudumeleyo okanye kwizilwanyana ezihlala ekhaya.**

### Ndinokwazi njani ukubainja okanye ikati inamakhalane?

Amakhalane anokufumaneka kulusu, ubumdaka bawo okanye amaqanda awo. Eyona ndawo ibhetele yokuhlola amakhalane kusesiswini okanye phakathi kwamathanga.

Amakhalane amadala mancinane, malunga nentloko kanotaka kwaye awanamaphiko. Ahamba ngokukhawuleza kwaye axhuma umgama omde. Imilenza yawo eyomeleleyo yenza ukuba ixhume ukusuka kwesinye isilwanyana ukuya kwesinye nkqu nasebentwini.



Ubumdaka bamakhalane lilindle lawo olufana nepepile emdaka ephoswe phezu kolusu. Xa bubekwa phezu kwephepha elimanzi, bubonakala ngathi ngamachaphaza egazi. Amaqanda afana nesanti emhlophe encinane. Ikhala liphila iintsuku ezilishumi elinesine kuphela. Ukuba ikho kwezi efumaneka enjeni okanye kwikati yakho, kufuneka ulwe nawo.

### Ngaba amakhalane ayingozi?

Izinja neekati ezininzi ezidliwa ngamakhalane zisoloko zifuna ukuzonwaya, kodwa ezinye izilwanyana zinokuba nengxaki yolusu ebizwa ngokuba yi-summer eczema. Amakhala adla ngokuhamba ne-tapeworms kwizinja neekati. Isilwanyana sakho siba ne-tapeworm xa siluma amakhalane asulelekileyo.

### Ndingawaphelisa njani amakhalane kwizilwanyana sam?

Ukuze uphelise amakhalane ngokuphumelelayo, kufuneka uphazamise inkqubo yokukhula kwawo. Amakhalane owabonayo ayipesenti enye kwakhoyo. Enye i-99% ngamaqanda angabonakaliyo namakhalane asakhulayo akwikhaphethi, ifanitshala nendawo elala kuyoinja yakho okanye ikati yakho okanye ngaphandle. Iimveliso ezifana neshampu yamakhalane, umadubula, izinto zokutshiza nemigubo ziyafumaneka kwiimarike ezinkulu. Qiniseka ukuba zonke izilwanyana zasekhaya ziyanyangwa. Ukuba zininzi kakhulu, kungafuneka utshize endlwini yakho nakwiyadi yonke. Buza ungqirha wezilwanyana ngezona mveliso zisebenzayo nezikhuselekileyo.

**UKUZE UPHELISE  
AMAKHALANE  
NGOKUPHUMELELAYO,  
KUFUNEKA  
UPHAZAMISE  
INKQUBO YOKUKHULA  
KWAWO.**





## II-MITES


**Ziliqela iintlobo zee-mites ezinokuba kwizilwanyana zethu.**

### EZINDLEBENI

Ziqhelekile iimites ezindlebeni zamantshontsho eekati nezinja. Zizifaka emgxunyeni wendlebe nakwiindawo ezigqonge wona. Zincinane iimites kodwa ziyabonakala ngeliso lenyama. Isilwanyana sakho sinokuba neemites ezindlebeni ngokusondelelana neyosulelekileyo okanye kwindawo elala kuyo.

### **Ndingazi njani ukubainja okanye ikati yam ineemites?**

Xa iimites zisezindlebeni ziyarhawuzela. Imiqondiso yokuba zikho kukushukumisa intloko ngokuthe rhoqo nangokonwaya iindlebe. Inja okanye ikati inokonwaya de yophe indlebe. Kudla ngokuphuma incindi emdaka okanye emnyama nenevumba elibi.



### **Unyango**

Kufuneka iindlebe zinyangwe ngewulu efakwe iparafini okanye iyeza olifumeneyo. Buza kugqirha wakho wezilwanyana weCVC.

### UKULAWULA IIMITES

Indlela yokulawula iimites zibangela ibhula ezinjeni zabo bonke ubudala nangaliphi na ixesha lonyaka. Ukwasulelwa kubonakala nakakhulu ngasekupheleni kobusika. I-mites zithanda iindawo ezingenazinwele zininzi kwaye zidla ngokubakho esiswini, emazantsi omsila okanye emlonyeni wenja. IiMange mites zenza umngxuma kulusu lwenja kwaye zibangela izonwaye kakhulu. Zincinane iimites kwaye zinokubonakala ngemikhroskoku kuphela.

### **Ndazi njani ukubainja yam inesarcoptic mange?**

Iimpawu zemange ziquka ukuwelwa bububoya, ilusu okuqinileyo nokumthubi. Ukwasulelwa kulusu

kunokwenzeka ngenxa yokurhawuzela okukhulu. Abantu abanokuba kufutshane nenja banokurhawuzela kwaye bamele babone ugqirha.

### **Unyango**

Unyango lokubulala iimange mites nonyango olungezelelekileyo lolusu lumele lwenziwe. Buza ugqirha wezilwanyana weCVC.

## INTSHOLONGWANE YEEMITES KUBOYA (IDEMODECTIC MITES)


Yeyona mange iqhelekileyo ezinjeni. Ezi mites zincinane kakhulu kwaye zikhangeleka ngathi ziintshulube ngaphantsi kwemikhroskoku. Zidla ngokuba linani elincinane ngaphantsi kwencindi yolusu okanye intsholongwane yoboya kwizinja ezisempilweni. Kunokuba yingxaki ukubainja inesifo, ayondlekanga, inoxinezeleko, imithi okanye incancisa amantshontsho. Imibudlwana, engaphantsi kweenyanga ezili-12 ukuya kwezi-18 ubudala zosuleleka lula.

### **Ndazi njani ukubainja yam inedemodectic mange?**

Inokuchaphazela naluphi uhlobo lwenja, kodwa ezinoboya obufutshane zisesichengeni. Inja ayirhawuzeli kakhulu; idla ngokuqala ebusweni, ngakumbi emehlweni. Kwiimeko ezininzi apho umzimba wosulelekile ulusu luba namafutha nevumba elibi, kwakhonainja iba nolusu ngathi lirhashalala nolurhawuzelayo.

### **Unyango**

Kumelwe kunyangwe unobangela wokugula. Inja kungafuneka ichetywe ize ihlanjwe ngeshampu ekhethekileyo. Amayeza okubulala iimange mites nonyango olungezelelekileyo lumele lwenziwe. Kubalulekile ukubuza ugqirha wakho wezilwanyana weCVC ngendlela yokunyanga isilwanyana sakho.




**IIMITES ZINOKULAWULWA NGOKUFAKWA KWEZINJA EDIPINI NYANGA NGANYE EHLOTYENI KWIINDAWO ZEDIPI EZIKHOYO EBUSIKA KWIKLINIKI YOLUNTU YEZILWANYANA.**



## IINTAKUMBA


**Zimbini iindidi zeentakumba ezifumaneka kwizilwanyana, zii-yellow dog tick nee-kennel tick.**

Izinja neekati zinokuba nee-yellow dog ticks ngokukhangela amahlaha nezinto zasehlathini, ngenxa yokuba zindala ezi ntakumba zizondla ngeentuku neempuku. I-kennel tick idla ngokufumaneka kwizakhiwo kwaye izondla kuzo zonke izilwanyana. Kunqabile ngeekati ukuba neentakumba. Iintakumba zifunxa igazi lesilwanyana kwaye zinokusasaza izifo kwizilwanyana nasebantwini. Umkhuhlane obangelwa ziintakumba uqhelekile ezinjani kwaye unokuzibulala izilwanyana. Iintsini zesilwanyana ezineentakumba sibonakala siluthuthu, kwaye zityhafile zingatyi nokutya.



### Ndazi njani ukubainja yam ineentakumba?

Iintakumba zifumaneka entanyeni yezinja, ezindlebeni phakathi kwemilenze nasemzimbeni naphakathi kweenzwanye. Iikati zinokuba neentakumba entanyeni okanye ebusweni.



### Ukunyangwa

Iintakumba kufuneka zisuswe kakuhle nge-Surgical spirits okanye iMethylated spirits - zizakusukwa kwisithuba semizuzu elishumi.

Iintakumba ezisezindlebeni zinokusuka xa kugalelwa amathontsi ambalwa eFrontline endlebeni, okanye kufakwe umgubo okanye i-karbadust kuzo. Ukubainja ineentakumba ezininzi endlebeni kwaye ishukumisa intloko yayo, yise kugqirha wezilwanyana.

**KUFUNEKA NILUMKELE INCINDI YEENTAKUMBA EKUBENI KUSENOKWENZEKA UKUBA ITHWELE IZIFO. IINTAKUMBA ZIMELE ZILAWULWE NGOKUFakwa EDIPINI IZINJA NYANGA NGANYE EHLOTYENI NAXA IINDAWO ZOKUDIPHA ZIVULIWE EBUSIKA KWIKLINIKI YOLUNTU YEZILWANYANA.**

**KUBALULEKILE UKUGCINA INDAWO ESILALA KUYO ISILWANYANA SAKHO ICOCEKILE.**



## UKUSUSWA NOKUVALWA INZALA

**Yintoni ukususwa nokuvalwa inzala kwezinja neekati?  
Kususwa kwesinyi senja okanye ikati.**

### Kutheni inyanzelekile?

Nyaka ngamnye amawaka ezinja neekati eziquka amatshontsho ziyabulawa ngaphandle kwesizathu. Indaba ezimnandi kukuba umnini wesilwanyana ngasinye unokwenza umahluko. Ngokuba kovalwe isizalo senja ukuze kuthintelwe ukuzalwa kwamantshontsho angafunwayo kwaye uza kwandisa ubomi besilwanyana osithandayo nomgangatho wobomi baso.

### Ziziphi iingenelo zokususa okanye ukuvala inzalo?

Zombini ezi ndlela ziphucula ubomi bempilo besilwanyana, zikhusela ukugcolisa okungeyomfuneko ziphelise neengxaki ezibangelwa kukudibana ngesondo kwezilwanyana.

**Ngokuba kovalwe isizalo  
senja ukuze kuthintelwe  
ukuzalwa kwamantshontsho  
angafunwayo kwaye  
uza kwandisa ubomi  
besilwanyana osithandayo  
nomgangatho wobomi baso.**

### Iinzuzo zesilwanyana esiyimazi

Imazi yenja ifumana ithuba lokudibana nenkunzi phantse iinyanga ezintandathu kuxhomekeka kuhlobo lwenja. Ukufuna ukudibana nenkunzi kunokubakho iintsuku ezingama-21 aphoinja iphuma igazi yaye inokubonakala ixhalabile, ikhawuleza ikucaphuka kwaye isoloko ifuna inkunzi.


Imazi zeekati zinokufuna ukudibana neenkunzi kwiiveki ezimbini xa kulixesha lokudibana nenkunzi de imithe. Ngeli xesha, zinokusoloko zigcuma okanye zichama kwiindawo ezingaqhelekanga.

Zombini iimazi zenja neekati zinokuzalwa ngokuvalwa inzala okuphelisa ixesha lokufuna inkunzi nasekufeni iinkunzi okushiya wena mnini waso usezingxakini zokufuna kubulawe isilwanyana okanye usise kwiindawo ezigcina izilwanyana. Ukuvalwa ngexesha kwenzala yezilwanyana kuyakhusela kwiingxaki ezivela mva ebomni ezifana nokwasulelwa kweentsholongwane zemichamo nomhlaza wamadlala esinyi.

### Kuzuzwa inkunzi

Xa sele ikhulile (ineenyanga ezi-6 ukusa kwezili-9) iinkunzi zezinja neekati zingamithisa. Zinokuqalisa ukuphawula iindawo zazo ngomchamo onuka kakhulu kwifanithala, kwiikhethini nakwezinye iindawo endlwini. Xa kuvela nelinye ithuba zinokuzama ukubaleka endlwini ziye kufuna imazi. Izinja ezifuna iimazi ezilungele ukudibana neenkunzi zinokuba nemisindo zide zilwe nabantu nezinye izinja nto leyo enokwenza yenzakale.

Izinja ezitheniweyo azifane ziyabule esithubeni kwaye zinokuhlala zizole kwaye zingasoloko zihamba esithubeni kodwa zihlale ekhaya. Ukuthena inkunzi kuyikhusela nakwizifo zesinyi, nakumhlaza neentsholongwane zesinyi.



### Bubuphi ubudala ezifanele zithenwe ngayo iizilwanyana?

Inja okanye ikati inokuthenwa nokuba ikobuphi ubudala.

### Ngaba ukuthenwa kungenza isilwanyana singakwazi ukufunda okanye sityebe?

Hayi, ukuthenwa akunanto kuyenzayo ekubeniinja ifunde, idlale isebenze okanye izingele. Asoze isilwanyana sityebe ngenxa yokuthenwa.